

USomlomo oBekekileyo
INkulumbuso eBekekileyo
AMahlakani kwiKhabhinethi
INkokeli yeQela eliPhikisayo ngokuseMthethweni
AMalungu aBekekileyo
OoSihlalo bamaqumrhu omathathu orhulumente
ABongameli bamabhuga ezemidlalo emimandla
ABongameli bezemiDlalo namaqela ezemidlalo
Manene naManenekazi.

Somlomo oBekekileyo, xa ibisenza **iNtetho yayo yePhondo** iNkulumbuso uHelen Zille ngomhla wama-22 kweyoMdumba (Februwari) 2013 yaphefumla yenjenje:

"Urhulumente unendima ebalulekileyo amele ukuba ayenze ukulwa izinto ezingamkelekanga ekuhlaleni kwanokukhusela abantu abatsha. Kambe ke azingeze zisombululeke ezo zinto xa abantu bengazenzi iindima zabo: ngezinto abazikhethela zona abantu, ngoxanduva abaluthwalayo nezikhokelo abazinikayo abazali, ngemigangatho yokuhlala oluyimiselayo uluntu, ngezinto ezizifundisayo iindawo zonqulo nezikolo ekukhokeleni, nangeenkonziso ezenziwa ngurhulumente. Yiloo nto ke sithetha ngento esithi kukulandelwa kwenkqubo 'uluntu lulonke'."

Imali ezizigidi ezingama-R445.309m eluhlahlo lwabiwo-mali elabelwe iSebe leMicimbi yeNkcubeko nezemiDlalo ehambelana nentetho-ngxelo yeNkulumbuso. Le mali ijonge ukuncedisa ekwenzeni iNtshona Koloni ebantu bayo, ingakumbi ulutsha ekufuneka luzive luxhotyiswa ukuze lukwazi ukuyibona into oluyifunayo, lunawo amathuba okuba luzikhethela kwanokuba luzibone lunoxanduva ngezizigqibo oluzithathayo.

Somlomo oBekekileyo, ulawulo lwesininzi luyayiqinisekisa inkululeko, lususiseko solawulo lwentando yesininzi evulelekileyo. Kubalulekile ukubanika abantu inkululeko elulutho ebantwini. Somlomo oBekekileyo, iSebe lam:

- Linawo amathala eencwadi eliwanikela ekubeni bathi abantu abawasebenzisayo xa befunda, bebonela kwizinto abazifundileyo, bafunde ngengqiqo, kwaye bafikelele kwihlabathi liphela ngolwazi nangonxibelelwano ngeteknoloji, nokuba bahlala ezidolophinini okanye emaphandleni;
- Linazo iinkonziso ezililifa lemveli ukuze abantu beli Phondo bathi xa bebhiozela ilifa labo lemveli kunye nezinto zabo zenkcubeko, bakwenze oko ngenkululeko;
- Linazo iimyuziyam ukuze abantu beli bazisebenzise ngenkululeko xa bebhala imbali yabo yeli naxa besenza imibhalo yabo ngeli, bebonisa ukuba imbali le ithetha ukuthini na kubo;
- Linazo iinkonziso zenkcubeko ukuze amaqela ezenkcubeko bawabhalise amabhunga awo ezenkcubeko, kwaye bathathe amanye amanyathelo okukhuthaza nokugcina amalungelo abo emveli nawenkcubeko, oko bekwenza ngenkuleleko; kwanjalo

- Linazo iinkonzo zemidlalo nezolonwabo ukuze abadlali bezikhethela imidlalo abafuna ukuthabatha inxaxheba kuyo nabafuna ukuyikhuthaza, bekwenza oko ngenkululeko.

Somlomo oBekekileyo, isihloko esithi, **inkululeko elulutho ebantwini**, yinto endakuhlala ndiyithetha de ndibe ndiyaphuma kwesi sikhundla, njengoko sele sibonile ukuba inkululeko ayithethi nto ibhekele phi xa abantu bengayiniki ngqalelo. Xa abantu besyinka ingqalelo inkululeko yabo baye baqalise ukuba ngabemi abakhutheleyo. Urhulumente uyakwazi nokukhokela kodwa xa inkululeko ibiyenza imeko ibe yekhuthaza ukusebenza. Abemi abazimiseleyo, iinkokeli ezizinikeleyo norhulumente onobuchule nolwazi bazizixhobo ezikhuthaza neziphumeza **inkululeko elulutho ebantwini**.

Somlomo oBekekileyo, le mali isisabelo ijonge ukuphumeza imisebenzi esizimisele ukuyenza ukuze sikhuthaze ukwanda kwentatho-nxaxheba, ingakumbi xa ilulutsha oluthatha loo nxaxheba emidlalweni, kwezolonwabo, kwezobugcisa nezenkcubeko. Le nto iya kuhlala isisiseko somsebenzi wethu.

Ngaphezu koko, siyakuhlala sizimisele ukuwufeza umsebenzi wethu ukuqinisekisa ukuba ulutsha lufikelela kumathala eencwadi, kwiinkonzo zeemyuziyam nezamafa emveli kangangoko. Singalibalanga nje ukuba singakwenza kuphela oku xa izibonelelo zilawulwa ngendlela efanelekileyo kwaneenkqubo zolawulo eziofisini zisetyenzwa ngendlela eyiyo. Indlela yokwenziwa komsebenzi ikhuthazwa yomelezwe zezona ziseko zingundoqo ezifana nokuthembeka, ukuzibona komsebenzi enoxanduva, ubuchule nolwazi, ukukwazi ukukhawulelana nezinto nokukhathala, zezona zinto ziqaqambileyo ekumele ukuba zingaphosakali xa kusenziwa iinkqubo zethu zizonke, kwaye sikholelwa ekubeni siyenze inkqubo yethu ngokomgangatho onguwo kwanangolawulo olululo lokusebenza.

Somlomo oBekekileyo, isixa-mali esili-R187.84m sabelwe ukukhuthaza inkonzo yethala leencwadi kwiPhondo.

Ukufikelela kumathala eencwadi nakumaziko angoozimba-mpepha njengeendawo ezigcine ulwazi lweenkcubeko ngeenkcubeko, uqoqoqsho nolawulo lwabantu bonke. Amathala eencwadi ayabanxulumanisa abantu neenkukacha nolwazi, nabantu kwanamathuba. Amathala eencwadi enza ukuba ifikelelwe **inkululeko elulutho ebantwini**.

Amathala eencwadi ngamakhonkco anxibelelanisa iindawo zokufunda kweli – nokuba ezo ndawo zezoburhulumente okanye zezinye iindawo ezizimeleyo – anazo izibonelelo zokufikelela kwiinkukacha nolwazi kwihlabathi. Amathala eencwadi orhulumente ke ngoko adlala indima ebaluleke kakhulu ekuphuhliseni iinkqubo zokufunda ezingaphelelwa xesha. Ukuphunyezwa kweendlela zonxibelelwano ngeTeknoloji kwiNkonzo yaMathala eeNcwadi sele ibanikile abasebenzisi bamathala eencwadi indlela yokufikelela kulwazi ngokuphathelelene nezinto eziqhubekayo kwihlabathi. Eli Sebe liya kuqhubeka ke ngoko lixhasa amathala eencwadi akweli njengokuba engengabo

angoovimba bokufundela nje kuphela ukuze ubani afumane ulwazi nolonwabo, koko ekwangawo namaziko obomi boluntu. Inkxaso yoomasipala kumathala eencwadi ngokwesigaba B3 (iyalambatha) kwaye ukunatyiswa kweTeknoloji ekhuthazwayo kumathala eencwadi oluntu aya kudityaniswa nangakumbi kulo nyaka-mali. Amathala eencwadi ngamakhonkco anxibelelanisa iindawo zokufunda kweli – nokuba ezo ndawo zezoburhulumente okanye zezinye iindawo ezizimeleyo – anazo izibonelelo zokufikelela kwihlabathi ngeenkukacha nolwazi. Amathala eencwadi orhulumente

Somlomo, inkqubo yakutshanje yosungulo lweVeki yokuQatshelwa kwamathala eencwadi 2013 phantsi kwesihloko esithi, “*Zifundise kwiThala lakho leeNcwadi - Educate Yourself @ Your Library*”, igxininisa indima enxibeleleneyo eyenziwa ngamathala eencwadi ebomini boluntu lwethu. Amathala eencwadi amisela ubunye ekuhlaleni ngokumisela indawo kawonkewonke apho bonke abantu beya kusebenzisana khona umntu nomntu nangokoluntu.

Somlomo, isixa-mali esiyi-R102 siya kusiwa koomasipala. Le nkxaso-mali iya kunceda kumsebenzi ongafumani nkxaso-mali kwisigaba B3 soomasipala; iya kuba negalelo kulwakhiwo lweThala leeNcwadi lakwaNonqaba eMossel Bay nakwiThala leeNcwadi iNkqubela eRobertson. Lo Rhulumene uya kunika inkxaso kwisigaba sokuqala solwakhiwo sethala leencwadi ePrince Albert Hamlet kwanasekuphuculeni iThala leeNcwadi laseKnysna. Kananjalo uya kuxhasa kwimivuzo yabasebenzi abalinganiselwa kuma-331 abaqeshwe kula mathala eencwadi nasekufakelweni kwezixhobo zokukhangela iincwadi ukukhusela izixhobo zethala leencwadi.

Ummiselo wokuba kubekho i-intanethi esetyenziswayo kumathala eencwadi kawonkewonke apho amathala eencwadi angama-20 ngonyaka abonakele exhamla kwiProjekthi yeTeknoloji yaseMaphandleni yeli Sebe. Eli nani liya kunyuka ngokuphawulekayo xa ithe yaqalisa ukunatyiswa iNkqubo iBroadband, kwaye iya kufikelela kwiindawo eziya kube zixhamla okokuqala ezingama-87 zamaphandle (amathala eencwadi kunye ne-wheelie wagon” amathala eencwadi ajikelezayo) aya kube edityanisiwe kulo nyaka-mali.

Imali ethe yasala kule mali iya kusetyenziselwa ukuthenga izixhobo zethala leencwadi eziya kusiwa kumathala eencwadi angama-348.

Somlomo oBekekileyo, isiganeko sakutshanje esiquka ukuthengiswa endalini kwamaxwebhu amihla yawo iyeyamaxsha kaJan van Riebeeck eLondon, siyaxhalabisa njengoko sikhokelwa ekubeni, la maxwebhu asenokuba ebiwa kuVimba mpepha wethu wePhondo kwiminyaka embalwa eyadlulayo. Ndiyalele iSebe lam ukuba lilandele zonke iinkalo ezinokulandelwa ezisemthethweni ukuqinisekisa ukuba loo maxwebhu kubhekiselelwa kuwo, ayabuyiswa kuba ayinxalenye ebaluleke kakhulu kwilizwe lethu, kwaye ke ngoko kufuneka alondolozwe akhuselwe ukuze zixhamle kuwo izizukulwana zanamhlanje nezexesha elizayo.

Somlomo oBekekileyo, iVeki yokuQatshelwa kweeNdawo ezingooVimba-kmphepha zeSizwe iya kubhiyizelwa kwiveki eqala ngomhla we6-10 kuMeyi 2013 kwindawo enguVimba-mpepha neeRekhodi eNtshona Koloni phantsi kwesihloko esithi "ooVimba-mpepha – *sikhangela mandulo*". Lo msitho uya kubandakanya imiboniso yeendawo ezahlukeneyo zoluntu zeNtshona Koloni.

Somlomo oBekekileyo, unyaka u-2013 uphawula isihlandlo se-175 apho kukhunjulwa khona ukupheliswa kobukhobokha ngo-1838.

INkonzo yethu yoMyuziyam iya kuba negalelo xa sikhumbula iziganeko zembali, oko kusenziwa ngokujikelezisa umboniso oya kuhanjahanjiswa kwiindawo ezikude nolwandle kwanezo zisondeleyo elwandle zeli Phondo apho le miboniso iya kutsho ivuselele iinkumbulo neencoko ndawonye noxolelwaniso, ngokunika ingqalelo into ebalulekileyo nesixhobisa ngolwazi ngemvelaphi yethu ndawonye nendlela obathi ubukhobokha banefuthe ngayo ebomini bethu.

Owona mngeni mkhulu ejongene nawo iNkonzo yoMyuziyam kukukhokela iimyuziyam ekubeni ziqinisekise ukuba zakuhlala zinentingiselo nakuluntu lwanamhlanje. Ngo-2013/14 kufuneka sithathe onke amathuba okuba kwenzeka oko, sikhokelwa ngumxholo wonyaka wokuSuku lokuQwalaselwa koMyuziyam kwiHlabathi: othi, "Iimyuziyam (inkumbulo + ubuchule bokuyila) = inguqu eluntwini".

Somlomo oBekekileyo, iiMyuziyam zifumene isabelo-mali esizizigidi ezingama-R43.464m. Sele kuhlatyelwe mgama ngokwalo msebenzi uqhubekayo wokutshintsha izinto ezixhonywe/ezibekwe kwiindawo zemiboniso ekwezi myuziyam ukuze zimele abantu bonke beli nangakumbi bekwezo bahlala kuzo. Ukuza kuthi ga ngoku, kufakelwa imiboniso emitsha kuMyuziyam waseHout Bay, kuMyuziyam iCP Nel eOudtshoorn (kukho imiboniso emitsha eOstrich Hall) kananjalo nakuMyuziyam iWheat Industry eMoorreesburg.

Ngaphezu koko, umyuziyam iTogryers eCeres inezigidi ezi-R2.557m ngenxa yentsebenziswano ephakathi komyuziyam yaphaya, iSebe lezoThutho neMisebenzi yasebuRhulumenteni, iNational Lottery Distribution Trust Fund kunye neSebe lam. Le mali iya kusetyenziswa ekuphuculeni isakhiwo somyuziyam ndawonye nokwangeza izixhobo ezifuneka kakhulu.

Uphando oluqhutywayo lokukhetha iindawo eziphathelene noMzabalazo, ukuchonga iindawo eziya kuba ngamagugu esizwe kuqukwa iSakhiwo iRex Trueform eSalt River, eKapa kunye neHolo yoLuntu yaseRocklands eMitchells Plain, lubonisa ukuba sifuna ukukhuthaza ukunxebelelana koluntu.

Somlomo oBekekileyo, ulwimi luyenye yezinto ezibaluleke kakhulu ezibethelela zimisele **ukwamkelana ngokweenkcubeko** nokunxibelelana koluntu. ICandelo elijongene noGuqulelo, uHlelo-maxwebhu noToliko liya kuqhubeka linika iinkonzo

zenkxaso zolwimi kuwo onke amasebe orhulumente wephondo ukuze wonke umhlali weli phondoancedwe ngolwimi olusemthethweni afuna ukuncedwa ngalo.

ICandelo elijongene nokuPhunyezwa koMgaqo-nkqubo woLwimi kunye neKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni liyaqhubeka nokuphumeza inkqubo eya kubenza abazali, abanonopheli nootitshala babantwana amaziZithulu ukuba bafunde uLwimi lweZandla loMzantsi Afrika. Iiseshini zoqeqesho kuLwimi lweZandla ziyenziwa eKhayelitsha kwaye zijoliswe ekubeni babandakanyeke kwezokuhlala, ingakumbi abantwana abaziZithulu abanabazali abathatha inxaxheba kolu qeqesho ukuze abo bantwana bazibone nabo bengakhethekanga eluntwini. IXhosAfrika Network ijonge ukwandisa iimpawu zesiXhosa nesiAfrikansi eluntwini.

Incwadana encinane esisichazi- magama yesiNgesi-isiXhosa, eyenziwayo iya kumiselwa ukuphawula uSuku lokuQatshelwa komsebenzi woGuqulelo kwiHlabathi kweyoMsintsi (ngoSeptemba) 2013. Le ncwadana iya kube inesigama esivunyiweyo esiya kusetyenziswa ngoosozilwimi boRhulumente weNtshona Koloni kunye namaqela achaphazelekayo aya kuba nomdla kuyo, incede ekukhuthazeni **ukwamkelana ngokweenkcubeko** ngokuthi kunikwe ingqalelo ukwamkeleka kolwimi lwesiXhosa.

Somlomo oBekekileyo, eyona nto ixhalabisa kakhulu yindlela ezisilela ngayo ezinye zeebhanki eziphambili zoMzantsi Afrika ekuzenzeni iinkonzo zazo zifumaneke kooNtintintini nangolwimi lwesiXhosa eNtshona Koloni. Ngoku ukusetyenziswa komthetho oyiOfficial Languages Act, 2012 kube ngumthetho wesizwe, ndiza kuyilandela inkqubo yokwenza ummiselo ngokoMthetho ukuqinisekisa ukuba bayayilandela imimiselo ethile yolwimi kweli Phondo. Yinjongo endinayo ukuqinisekisa ukuba isiAfrikansi sihlala sibambelele kwindawo yaso njengolwimi olusemthethweni ngokomthetho oyiWestern Cape Provincial Languages Act, 1998, nomgaqo-nkqubo wephondo weLwimi. IsiXhosa masixhamle ngokufanayo nesiNgesi nesiAfrikansi kwaye ndizimisele ukuba ndikulandelele oko de ndikubone kusenzeka. Ndiya kuthi ke ngoko ndiqondisisane neebhanki ezichaphazelekayo malunga nalo mba.

Eli Sebe liyinike ingqelelo into yokuba izakhono ezifunekayo zeelwimi zinqabile yaye kufuneka ukuba zikhuliswe kananjalo zikokoswe ukuze ziwuphumeze ummiselo wenkonzo: ukukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi; ukuxhasa ukusetyenziswa kwesiXhosa, isiAfrikansi nesiNgesi ngokulinganayo; ukuthi gqolo kuphunyezwa iilwimi zemveli ezazisakujongelwa phantsi kwixa elingaphambili. ICandelo elijongene neNkonzo yeeLwimi iya kuhlala iqhuba nokusebenzisa igunya lalo, oko likwenza ngokubambisana namanye amaqumrhu anenjongo efana neyalo.

Somlomo oBekekileyo, ukwenza imeko enyamezelekayo kubantu beNtshona Koloni, ukuphuhlisa nokukhuthaza inkcubeko yabo kumilisela **inkululeko elulutho ebantwini** Ngo-2012 kwaye kwakho uluvo lokuSungula iSikhokelo saza savunywa eso Sikhokelo. Esi Sikhokelo saye saguqulelwa kwezinye iilwimi, yaye ziyafumaneka ezo nguqulelo ngesiAfrikansi, isiXhosa iSesotho nesiNgesi. Ekupheleni koCanzibe (uMeyi) 2013 eli Sebe

liya kuthi libambisene neSebe lezeMpilo libe neNgqungquthela yoSungulo. Kuloo mcimbi sijonge ekwandiseni umsebenzi wethu ube ngaphaya kokuba kulindelwe ngokwezempilo, kwaye sizame ukuzenza izinto zibe lula kananjalo sibonisane noluntu ukuze sikwazi ukuziqonda sizamkele izinto zeenkubeko. Silindele ukufunda ukuba singaqhuba kakuhle akangakanani na singurhulumente xa sikuxhasa ukulondoloza le nkqubo ibaluleke kangaka, oko sikwenza singayityeshelanga intsingiselo yesidima nemeko ekhuselekileyo kumntu wonke.

Eli Sebe liya kulunabisa uqeqesho lokusetyenziswa kweSixhobo soMhobe weSizwe, oqulunqwe licandelo lobuGcisa neNkcubeko lisebenzisana noLungile Jacobs and the Voices of Cape Town

Eli Sebe libe negalelo ekukhunjulweni kwelifa elishiywa ngamagcisa omculo wejazz ngokunika amaGqala eJazz igunya lokuba axhonywe njengomfanekiso kwiSakhiwo iArstCape Theatre. Siya kusungula incwadana eya kubhalwa ngokubhekiselelel kula magcisa aya kuba esemfanekisweni sithlekisa nomculo wawo njengenxalenye yeNkqubo yokuQatshelwa kweNyanga yoLutsha eArtscape kweyeSilimela (uJuni) 2013.

Umcimbi weVeki yokuQatshelwa kwezobuNgcisa wonyaka uya kuqhutyelwa kwiCape Winalands kweyoMsintsi (September) 2013, kwaye oku kuya kukhuthaza **ukwamkelana ngokweenkcubeko** njengoko lo mcimbi uya kube ujonge kwiinkqubo ezahlukeneyo zeenkubeko, kuqukwa nokugxila kwizinto zamandulo njengesixhobo sokwakha isizwe nokwenza sizazi ukuba singoobani.

Somlomo oBekekileyo, ndinqwenela ukusebenzisa eli thuba ukuvakalisa ukuba ndiza kuthi kungekudala ndimisele inkqubo ethi, "Inkcubeko yam, iNkcubeko yakho, ilifa lethu.-*My culture, Your culture, Our heritage*" programme, ukukhuthaza ukwamkelana ngokweenkcubeko nokuxhasa umsebenzi owenziwayo ukukhukhatza **inkululeko elulutho ebantwini**.

Somlomo oBekekileyo, imali ebekelwe ecaleni yenkqubo eyiProjekthi yeMisebenzi eXhobisa uLuntu ngokuBanzi [iExpanded Public Works Programme (EPWP)]kwiMcimbi yeNkcubeko inyukile yaya kuthi xhaxhe ngezigididi eziyi-R6.886m ngo-2013/14, oko kulandela ukudaeka kwamathuba emisebenzi eli-122 ngempumelelo kwiNtshona Koloni iphela kulo nyaka-mali. Ukunyuka kwemali esisabelo kunyaka-mali omtsha kuyakwenza amathuba emisebenzi esisigxina ali-170 ngokweenkqubo eziliqela, ukusuka kwezenkcubeko neprojekthi zokhenketho eziphantsi kweemyuziyam, ukuya kwezolondolozo lwezakhiwo zenkcubeko kunye namaziko emagugu esizwe, kusetyenziswe inkqubo yedijithi yokugcina iirekhodi zoovimba nkcukahca ababalulekileyo nabamagugu esizwe.

ISebe lam liwabonile kananjalo liyawazi amandla nento eyenziwa bubugcisa kwanokudibanisa amaqela eluntwini. Kufuneka sizame ukuwasebenzisa kangangoko amathuba avelayo kuthi. Injongo yethu kukumilisela ubulungisa eluntwini kwanokuhlanganisa lonke uluntu apho wonke umntu eya kuba nethuba lokuphuhlisa

nokusebenzisa italente yakhe kwaye ezo talente bazisebenzise ukwenza igalelo elilulutho kuluntu ngokubanzi.

Somlomo oBekekileyo, imali eyi-R104.916m yabelwe ezemiDlalo noLonwabo.

INkqubo yamaZiko ajongene nezemiDlalo i-MOD (Mass participation; Opportunity and access Development Growth - othetha Intatho-nxaxheba yesiNinzi; Amathuba nofikelelo kuwo; uPhuhliso nokuhluma] iya kuhlala isisiseko seNkqubo sethu seAfter School.

Eyona nto aluncedo ngayo la maZiko eMOD isanda kukhankanywa ngenxa yokhuphiswano lokubhala ibali malunga nexabiso lemidlalo nophuhliso kwiindawo zoluntu. Olu khuphiswano lwalusungulwe ngentsebenziswano kunye ne-Interdisciplinary Centre of Excellence for Sport Science and Development – ICSSD oko kukuthi iZiko loNqwanqwado eliHlanganyelweyo lokuBalula ezemiDlalo noPhuhliso) eli ziko likwiYunivesithi yeNtshona Koloni kwaye liyinxalenye yophando olukhulu olubizwa ngokuba yi- *“The Case for Sport in the Western Cape: The Socio-Economic Benefits of Sport and Recreation” – uPhando ngemiDlalo kwiNtshona Koloni: Izinto eluNcedo ngayo imidlalo nezolonwabo kwezeNtlalo nakwezoQoqosho.*

Eyona nto ekwakugxininiswe kuyo ngolu khuphiswano yayikukujonga ukuba galalelo lini na elihle eliza ngemidlalo nolonwabo kwiindawo ezahlukeneyo zoluntu kwiPhondo lonke, emaphandleni nasezidolophini. Emva kokwenziwa kwesimemelelo esaye sakhutshelwa iindawo eziliqela, safumana amabali avela kwizikolo zamabanga aphantsi naphezulu, abafundi beeyunivesithi nakumaziko e-MOD kuyo yonke iNtshona Koloni. Abantu ababini abathatha inxaxheba bamaZiko eMOD bathumela amabali aye angina kwishumi (10) elikwinqwanqwa eliphezulu: uNichole Barends waseWhite City eSaldanha, noNosipho eNgelbrecht weSikolo samaBanga aPhezulu iEsselen Park, eWorcester.

UNosipho Engelbrecht wabhala la mazwi alandelayo:

"Apha eWorcester ngalo mzuzu, zininzi iziganeko zolwaphulo-mthetho zamaqela emigewu kangangokuba abasothuki nokothuka oku abantu xa bebona umzimba womntu ongasekhoyo utha gangalala epavumenteni, ngenxa yokuba kusuke kwaxhaphaka oku. La maqela emigewu ngabantu abaselula abathi behleli nje bayavutha yimisindo. Ukuba nje bangayisebenzisa le misindo yabo ngendlela efanelekileyo xa uzakhela umfanekiso ngqondweni, ibingabonakaliswa ngokukhaba ibhola; akukho nozinti ebengakwazi ukulithintela rhoqo phezu kweepali ibhola yombhoxo ngokokude ixesha lokuwabhala ebhodini amanqaku lishiywe ngumdlalo. Beziya kuba bakho iimbilasane zabadlali, ulwaphulo-mthetho lona luphele nya. Ingayinto entle kakhulu ukuba amaqela emigewu angazisombulula kakuhle iingxaki zawo ngokudlala ibhola yombhoxo, bekungasoze kubekho mntu ubulawayo kuba iqela eliphumelelayo beliya kuhlonitshwa. Ndinomfanekiso-ngqondweni waloo maqela (iyi-JCYs ibambene neOutlaws). Iqondo lolwaphulo-mthetho beliya kucutheka ngokukhawuleza. Ulutsha lona beluya kuba nekamva eliqaqabileyo ekufuneka lisoloko lijonge kulo.

Yonke ke into iqala njengephupha ize ithi ke ngokusebenza ngokuzimisela noangokuzinikela, elo phupha lijike libe yinto ebonakalayo nephilileyo. Umntwana osemidlalaweni akayi ezinkundleni zamatyala. Elo ke liphupha nje, ekufuneka thina (lutsha) silenze liphile."

UNicole Barends uthi kweli bali lakhe:

"ImiDlalo nezolonwabo zingaluncedo eluntwini ingakumbi kulutsha ukuze luphinde lube nokuzithemba kwakhona nangeetelente zalo. Ngenxa yeenkqubo abaya kube bezibandakanye kuzo, banganako ukubenza abantu abebesele besoyika ekuhlaleni, ngenxa yokuziphatha kakubi kwalo, bakwazi ukuphinda bathenjwe luluntu,

Indawo endihlala kuyo eSaldanha, eWest Coast, yindawo entle kakhulu, kwaye abantu bayo banetalente kakhulu kananjalo ineendawo ezinontsalane nakubakhenkethi, kodwa ke ngelishwa ingxaki esijongene nayo yingxaki yeziyobisi, ukukhulelwa kwamantombazana aselula, utywala obuselwa ngamandla, nokunqongophala kwezinto zokonwabisa ulutsha. Kodwa ukususela oko kwathi kwabakho inkqubo ekhuthaza imidlalo nolonwabo kubekho umnyinyiva noko kwindlela oluziphatha ngayo ulutsha. Baya bebonakalisa ukuziqonda ukuba zinto zini ezibalungeleyo abantu abatsha kwakhona kwaye umyalezo wafikelela ezindlebeni zawo usithi akukho nto iyinqaba xa uzithemba nokuba imeko ithini na.

Imidlalo nolonwabo incede kakhulu kulutsha olungazange khe luthathe nxaxheba kuyo nayiphi na into kwixa elingaphambili. Lwaqala ukuzibona luphila impilo engcono kananjalo lwakhe lwenza ukuba kubekho nto ifundwayo kulo eluntwini. Isininzi sabo asizange sikhe sithethe nabanye kwixa elingaphambili, sitsho safunda ukusebenzisana nabanye abantu njengeqela.

Mna, imidlalo nezolonwabo zindenze ndazithemba kuba andingomntu uthanda ukuba phakathi kwabantu kakhulu. Ndithanda ukudanisa nokudlala imidlalo yeqonga, kodwa andizange khe ndizibonakalise kakuhle ngokupheleleyo ngenxa yokuba ndingumntu oneentloni. Ngale nkqubo yemidlalo ndizama yonke imihla ukuba ndimilisele ukuzithemba ngaphakathi kwam ukuze ndingoyiki ukuma emehlweni abantu.

Ndinomhlobo wam osele eyingedle yeziyobisi isithuba esiphantse sibe ngangeenyanga ezine kungoku nje, kodwa emva kokuba ndathi ndammema ukuba ahambe nam siye emidlalweni ngenye imini, wakonwabela kakhulu oko kangangokuba waziva emthemba omnye wabaququzeleli bemidlalo nolonwabo ngokokude ayandlale imeko yakhe yokusebenzisa iziyobisi kuye. Bamcebisa ukuba makagxininise kwiitalente zakhe. Uhoyo awalufumanayo lwamenza

waziva emntu wumbi. Phantse ibe ziinyanga ezimbini ngoku esayekelele kwiziyobisi."

Somlomo oBekekileyo, amaZiko eeMOD axhotyiswe ngokupheleleyo kananjalo alawulwa ngendlela efanelekileyo ze loo nto yenze ukuba abe nefuthe elihle eluntwini nakulutsha ukuze luyonwabele **inkululeko elulutho ebantwini** eli Sebe liya kulinika inkqubo yeZiko leMOD isongezelelo-mali esingama-R22.095m nge-2013 Medium Term Expenditure Framework ukunika imidlalo, iinkqubo ezixhobisa ngezakhono nolonwabo ezenzizwa emva kwexesha lesikolo kubantwana abahamba isikolo ukuze bawenze umsebenze umsebenzi wakbo wasekhaya ngezixhobo ezifanelekileyo. Le mveliso inikwa amaZiko eeMOD yaye yaphononongwa, kwaye aya kunikwa ingqwalasela enkulu mayela nezinto ezahlulekenyo nakumgangatho wezinto ezenziwa apha njengento eyandisa intatho-nxaxheba. Intsebenziswano kunye namasebe eNtshona Koloni afana neSebe loPhuhliso lwezeNtlalo, iSebe leMfundo, iSebe lezeMpilo neSebe loKhuseleko loLuntu, kuqukwa neChrysallis aya komelezwa aze enze umsebenzi amiselwe ukuba awenze kananjalo ukuze alulungele ulwazi olufunwa ngabafundi. Kulo nyaka-mali uzayo, siya komeleza amaZiko eeMOD ngabanye abasebenzi abongezelelekileyo.

Somlomo oBekekileyo, kulo nyaka uphelileyo ndaye ndavakalisa " ndikwavuselela umdlalo wechess" kanti ke iSebe lam sele liqalisile ngeenkqubo zongenelelo ngokunceda ekuxhaseni nasekuvuseleleni umdla emdlalweni wechess. La manqaku alandelayo kumele siwanike ingqalelo:

- Ukuhambela kowayesakuba nguGrandmaster, uGary Kasparov eKhayelitsha ngoMatshi 2012.
- Abantu abatsha abangaphezulu kwama-2000 abathatha inxaxheba kumdlalo wobuNtshatsheli wechess kwiYunivesithi yaseKapa.
- UDantelle Joubert owafumana ibhasari yomdlalo wechess emva kokusebenza kwakhe ngempumelelo ebalaseleyo kwi-2012 National Top School Championships. Kakade ingqwela/intshatsheli yokuqala yoMzantsi Afrika weGrandmaster-Elect, uKenny Solomon olundwendwe lwam olubalulekileyo namhlanje. Uphelekwa nguAndre Baard, uMlawuli oPhetheyo weSA Banking & Trading owayesakuba ngumnikeli kwiinzame zikaKenny kwiminyaka edlulileyo. UKenny wazalelwa eMitchells Plain ngo-1979. Wathi phaya ngo-1999 eneminyaka eli-19 waphumelela i-SA Open Championships eKapa waza ukususela ngoko wasoloko ephumelelwa ukhuphiswano olubalulekileyo izihlandlo ezine, waye wamela uMzantsi Afrika kumdlalo weChess Olympiad ukususela ngo-1998. Waye wabamba indawo yokuqala kumdlalo wetumente yeHlabathi eDover kwelase-Italy, esiba ngumntu wokuqala waseMzantsi Afrika ukwenza loo nto.

Waye waphumela nakumdlalo wobuNtshatsheli oValelekiyo ngo-2003. Kwakuloo nyaka mnye waphuma indawo yesibini kwi-African Individual Championship ngo-2003 waza wafumana imbeko okanye iwonga lokuba ngu-International Master. Ngo-2012 wafumana iiGrandmaster norms ezimbini kwiOlympiad eTurkey waza wangumntu wethu wokuqala ukuba yiGrandmaster-Elect.

Apha ekhaya waye wamela iqela lakhe laseMitchells Plain laza iqela elo lakhe laphumelelana iWestern Province (WP) League. Wakha wadlala kwiBoard One edlalela iWestern Province kumdlalo owaziwa ngokuba yiInter-Union Championships, edlala izihlandlo eziliqela yaza iWestern Province yawuphumelela lo mdlalo izihlandlo ezilishumi zilandelelana.

UKenny uluphawu olubonisa okufuneka kuphunyaziwe. Wababonisa abantu baseMitchells Plain, eKapa uluntu loMzantsi Afrika ukuba banako ukwenza izinto ezinkulu nezibukekayo ehlabathini.

Somlomo oBekekileyo, umdlalo wechess ufundisa ukuzibona komntu enoxanduva akwazi nokujongana neziphumo zento ayenzayo kwezo azikhethele zona. Ibhalwe yabekwa ngokucacileyo ukuba ichess ikhuthaza ukubala nobuchule kwezenzululwazi. Kukwabhalwe ngokunjalo ukuba uqoqosho lwethu lufuna abasebenzi abanobuchule ekubaleni nakwiinzululwazi, buchule obo buya kuqinisekisa ukuba sinako ukukhuphisana nehlabathi liphela ngokufezekileyo.

Somlomo oBekekileyo, ichess asimdlalo nje ulula. Awungeze ugxeke ubeke ubutyala kusompempe ngempazamo esebhodini. Kufuneka umntu azilungiselele, abe nengqiqo leyo ke yiyo kuphela eyona nto ifunekayo. Ezi zizifundo ezibalulekileyo kulutsha lwethu. Impumelelo yomdlalo wechess ovuselelwe kulo nyaka upheleleyo uya kuba nefuthe ngakumbi nakunyaka u-2013. Ngomso uKenny Solomon uya kube ebonisa ngalo mdlalo kwidolophu yakowabo eMitchells Plain. Nghosuku olulandela olo uya kube efundisa ngalo mdlalo kwiYinivesithi yeNtshona Koloni. Xa etyelele kwiDolophu yaseKapa, uKenny uya kube eseWP High Performance Training Camp apho aya kube esenza intetho yolwandlalo ngomdlalo kubadalali abangama-50 aya kube emele i-WP kwi-SA Junior Closed Championships Ziinjongo zethu kwisithuba seenyanga ezimbalwa ezizayo ukuba sifake izixhobo zokudlala ichess kwiindawo zoluntu ezifana naseSea Point Promenade, eWaterfront nakwiiziziyam.

Somlomo oBekekileyo, ichess asimdlalo nje kuphela, koko iya kuhlala iyeyona ndlela ifikelekayo esingayikhetha ukuxhobisa ulutsha lwethu ngeenjongo zokuguqula izakhono zalo kwangaxeshanye sikhuthaza izibalo nezeenzululwazi nobuchule balo ekuhlumeni benze igalelo elilulutho kuluntu ngokubanzi. Kubalulekile ukuba silixhase eli nyathelo.

Somlomo oBekekileyo, kulo nyaka upheleleyo ndaye ndabhengeza ndivuselela umdlalo wechess, esele ngoku sizibona iziqhamo zawo. Namhlanje ke ndibhengeza "ndikwavuselela umdlalo wenetball" eNtshona Koloni. Oku kuya kuqhutywa ngokwandiswa kananjalo nokukhawuleziswa kwenkxaso eya kumaqela enetball ngokuphuhliswa kweenkqubo zeZiko lethu leMOD neekqubo zeMidlalo zabaSebenzi baseziFama.

Amaqela angamashumi amahanu enetball kungoku nje ayinxalenye yeNkqubo yoPhuhliso lwamaQela emidlalo kwaye eli nani liyakwandiswa ngokuphawulekayo kulo nyaka-mali uzayo, mna ke ndiya kube ndisebenza kunye noomasipala ngeenjongo zokuphucula amabala kwimimandla. INkqubo yeMidlalo yabaSebenzi bethu baseziFama iya kuqiniseka ukuba amaqela esinawo omdlalo wenetball afakwe abe yinxalenye yamaqela adlala kudidi loompondo-zihlanjiwe kule nkqubo yamaqela emidlalo. Umdlalo wenetball ukhula ngokukhawuleza kwaye ngexesha lokucela kwenkqubo yokudlalela amaqela oompondo-zihlanjiwe umdlalo wenetball ngaphandle kwamathandabuzo uya kuba nefuthe ngakumbi koku. Ndikholelwa ekubeni ngenkxaso emandla siya kutsho sikwazi ukubugququla ubomi bamantombazana aselula kwimimandla yeedolophu nakwezinye iindawo zamaphandle eNtshona Koloni.

Somlomo oBekekileyo, le mali ibekelwe bucala yeyokunika ingqalelo ikwaxhasa into yokuba ukuthathwa kwenxaxheba kakhulu kwanokufikelela emidlalweni yindlela ekukuphela kwayo apho ukusekwa nokudaleka kwentsebenziswano efanelekileyo kungenzeka khona ukuze kuvele amathuba, ayakwenza ulungano, kwanokuqinisekisa inkonzo ukuba iziswa ngokufanelekileyo, ngobulungisa kwaye iyafikelelwa. Ihleli ezingqondweni zethu into yokuba iNtshona Koloni kufuneka ifumane isabelo esilinganayo samathuba ewanikwa liPhondo eli.

Kuhlalo lwabiwo-mali lonyaka 2013/14, iSebe eli liya kubonelela ngesixa-mali esiyi-R1.73m koomasipala abasibhozo ukuze kuphunyezwe iiprojekthi ezili-11. Abo masipala ngowaseBerg River, ePrince Albert, eCape Winelands, eOverstrand, eOudtshoorn, eLangeberg, eSwartland naseCedarberg. Ezi projekthi zibandkanya ibala leqakamba, amabala eenetball, imizila yeebhayisekile zohlobo lweBMX, ukwandiswa kwendawo yejimnaziyam, ibala lombhoxo, elebhola ekhatywayo nomzila weembaleki eGraafwater (kuMasipala waseCederberg).

Kubekelwe bucala imali eyiR100 000 eza kusetyenziswa ekwenzeni uphando malunga nomzila weebhayisekile eOudtshoorn. Oku kukhawulelana nesicelo esasivela kwiQela labaKhweli beebhayisekile kwiZithili eziseMzantsi Ntshona [South Western Districts (SWD) Cycling licela ukuba kuqwalaselwe umzila oye usetyenziswe kukhuphiswano lweebhayisekile eOudtshoorn. I-SWD lelona qela liphezulu labakhweli zibhayisekile eMzantsi Afrika kwaye sele lo ingumdlalo okhula ngokuphawulekayo kwindawo yaseOudtshoorn. Umsebenzi omhle owenziwe kummandla we-SWD unikwe ingqalelo kwaye ufumana inkxaso kweli Sebe kunye nomdlalo weebhayisekile njengomdlalo owenziwa yesanda kumiselwa eOudtshoorn iSport Academy. I-SWD Cycling imelwe ngokhoyo apha phakathi kwethu namhlanje uMongameli wayo, uCorné Bence

Somlomo oBekekileyo, intsebenziswano ephakathi kwethu noNedbank Sports Trust Development Cycling Programme ilulutho kakhulu ngokufumana iikiti kunye neebhayisekile ezibe yiminikelo kubafundi abali-165 abanikwe ithuba lokuthatha inxaxheba kukhuphiswano lomdlalo weebhayisekile wakutsha nje we-36 wePick n Pay Argus Cycle Tour omelwe ngolapha phakathi kwethu nahlanje uDave Bellairs, iLungu eliyiNtloko lezoLawulo kwanomququzeleli wolu Khuphiswano.

Simncoma kakhulu Sisonke, kwakhona sikwancoma nabanikeli ngokusenzela lo mcimbi ube ngobukeleka kangaka. Ukhuphiswano lweebhayisekile lwePick n Pay Argus Cycle Tour ngowona mcimbi ungumdlalo wokhuphiswano lweebhayisekile mkhulu kwihlabathi. Abathathi nxaxheba basuka kwiimbombo zone zehlabathi ukuza kuthatha inxaxheba kananjalo bonwabele nezo zinto zitsala umdla kwindlela leyo bakhuphisana kuyo. Sinombulelo omkhulu kubaququzeleli sibabulela nangegalelo labo kumdlalo wokhuphiswano lweebhayisekile kwiNtshona Koloni.

Okubalulekileyo kwintsebenziswano ephakathi kweli Sebe kunye noNedbank Sports Trust Development Cycling Programme ngumsebenzi obalaseleyo kaEben Dearling weDe Doorns Development Club owathi yena wawufinca umgama oyi-109 km ebetha ixesha elalimiselwe, egqiba ngeeyure ezintathu nemizuzu esibhozo (3 hours, 8 minutes). Lo ngumsebenzi ophawuleka ngokukodwa kwaye ndinethemba lokubona imisebenzi enjengalo isenzeka kubakhweli zibhayisekile bethu kwixa elizayo.

Somlomo oBekekileyo, iNedbank Sports Trust initiative, Sport Trust and Pareto Limited, abanini bobhazabhaza beevenkile zaseTygervalley Shopping Centre basakhela indawo yemidlalo eyahlukeneyo apha eNtshona Koloni. Le ndawo iseDr Richard van der Ross Primary School eBelharand apho iMOD Centre ibikade isebenzela khona ixesha eli, iya kuhlala isemgangathweni isithuba seminyaka engama-20 ize ibe li-15-eqinisekisiweyo.

Le ndawo yenziwe ngeethayili ezinxityelelanisiweyo, kwaye iyindawo eyenziwe kwakho nendawo "enobumfumfum" kulungiselelwa ukunqanda umenzakalo ungabingako emalungwini abadlali, ingakumbi abantu abaselula. Le ndawo kwakuxhomekeke ukuba ihlolwe kukhangelwa le ndawo imi kuyo ukuba injani, kwaye kwafumnaiseka ukuba imeko yayo icocekile "ayinaNkukuma", into ke leyo ehambelana nomgaqo-nkqubo wokulondolozwa kohlaza weSports Trust ukukhusela imeko yomsebenzi wayo. Oku kungqinelana ngokupheleleyo nomgaqo-nkqubo wolondolozo lohlaza weNtshona Koloni. Iindidi zemidlalo edlalwa kule ndawo zibandakanya: 5-a-side soccer (futsal), netball, basketball, tennis nevolleyball.

Somlomo oBekekileyo, ndinenjongo zokubandakanya nabanye abanikeli abanako ndibakhuthaze ukuba basebenzisane nathi ukuze senze amanye amabala kwiindawo esihlala kuzo.

Agbare Speaker, ons land is 'njong en brose demokrasie en daarommoet 'n hand van kulturelewarmtenaonsmedeburgersuitgereik word. Onslewe in 'n land van verskeidenheid en verandering en moetmekaar in tye van noodondersteun.

Kulturelewarmte vereisdatonsmeverdraagsaamteenoormekaarmoetwees en wedersydserespekivirmekaar se ryke en uniekekulturelediversiteitmoettoon.

Kulturelewarmte word bevorderwaneerons:

- 'n Gemeenskaplike en inklusieweSuid-Afrikaansenarratief van versoening en nasiebouskets;
- Mekaar se geskiedenis en bydraeerken en respekteer;
- Feesteinklusiefmaak;
- Sport as 'n beleggingvir die bevordering van maatskaplikesamehorigheidbeskou;

- Mekaar se taalaanleer en respekteer. Groetiemand in haar of sytaal en kulturelewarmte vloei natuurlik;
- Gemarginaliseerde groepe in die hoofstroomaktiwiteitevolgens hulle behoeftes en aspirasies akkommodeer;
- Sosiale kohesiedeur die burgerlikesamelewing laat lei, met die staat as fasiliteerder van geleentheid; en
- Diversiteit omarm en dit as 'n strategiese en voordelige Suid-Afrikaanse bate beskou.

Onsmoet oke ekonomiese groei en werkskepping (met die klem op die jeug) as een van die boublokke van sosiale kohesie aanspreek.

Alle Suid-Afrikaners het ook 'n behoefte aan veiligheid en indien ons op hierdie twee terreine (werkskepping en veiligheid) vordering maak, hou dit groot belofte in.

Eksien uit na 'n gesondediskoers om Suid-Afrika sosiaal meer inklusief te maak. In dié diskoeers moet ons kulturele warmtes sentraal plaas tot bevordering van versoening, diversiteit en nasiebou. Onstaalgebruik, woordkeuse, gesindhede en wedersydse respek is deurslaggewend.

Agbare Speaker, **kulturele warmte** skep die ruimte vir **vryheid wat deur ons gebruik kan word.**

Somlomo oBekekileyo, imidlalo emibini yango-2012 yabonisa amandla emidlalo nokubenza abantu basondelelane eluntwini.

Ngubani ongayilibala imisebenzi yobugorha babadlali bethu abangabemi beNtshona Koloni bekwangaboMzantsi Afrika abeza neeMbasas zeGolide kwimidlalo yeeParalympics, uArnu Fourie, Ilse Hayes, Fanie van der Merwe noCharles Bower, okanye ngubani oyilibeleyo indlela awaziva ngayo xa iqela lombhoxo iWestern Province laliphumelela indebe iCurrie Cup ngo-2012.

Mnu Somlomo, u-2012 uqale kakubana noko kwiQela loMbhoxo iWestern Province. Amaqela alahlekelwa ngukhapteni wawo, uSchalk Burger, neqela labanye abadlali abaphambili abenzakalayo. Ukumka komdlali ophezulu weSpringbok uJaques Fourie kwalongezelela intlungu. Kambe ke nakuba kunjalo iqela lilonke labonisa ukomelela laza lazilwelwa ngenkuthalo laza layiphumelela indebe yeCurrie Cup okokuqala emva kweminyaka eli-11. UMongameli weqela loMbhoxo iWestern Province, uMnu Thelo Wakefield ngomnye weendwendwe zam namhlanje.

Yonke le midlalo iqaqanjiswa ngabemi boMzantsi Afrika abaye badibane, into ke leyo eye isidibanise ... sidibane ngokobuzwe, ngokwesizwe, nangothando esinalo ngelizwe lethu.

Somlomo, xa ndiza kuyeka ndinqwenela ukubulela iNtloko yeSebe uMnu Brent Walters kunye namagosa onke ngenxa yokuzinikela kwawo ekuphuculeni ubomi babanye abantu.

Ndibulela ngokungazenzisiyo kuAdv. Estienne Pretorius, uMphathi wam kwicandelo loMphathiswa kwakunye nabasebenzi bela candelo bebonke, ngenkxaso yabo.

Somlomo, ndinqwenela ukuvakalisa umbulelo wam kwiNkulumbuso ngendlela akhokele ngayo ndawonye nakumahlakani am kwiKhabhinethi ngesikhokelo nenkxaso yawo. Ndibulela nenkosikazi yam uFaeza, oonyana bam uIvan noWilliam ndawonye notata nomama ngenkxaso yabo enkulu nobubele bokundenza ndibe namhlanje ndisebenzela abemi beNtshona Koloni.

Somlomo oBekekileyo, ndiziva ndinelunda ukwandlala kule ndlu uHlahlo lwabiwo-mali lweSebe leMicimbi yeNkcubeko nemiDlalo lwango-2013 oluzizigidi ezingama-R445.309m.

Enkosi

www.westerncape.gov.za/dcas